Transcription of: S.E.K. Mqhayi voice recording c.1932: A Silimela; A Velile
Transcribed by: Cwenga Madikane, for the Five Hundred Year Archive (FHYA)
Date: 15 September 2023

**A Silimela**

AmaNdlamb' amatsha
Hay' amaNdlamb' amatsha
Inkos' 'am ngumntakaNdluzodaka
Yindod' ezalwa ngabantw' ababini
Izalwa nguMakinana noNopasi
UNopasi yintombi kaMon' umhlophe kaNtshunqe
Umhlophe kaNtshunqe kwaBomvana
NguLuhad' igama lakhe
Io Umbambo zemka zabuyelela
Ngaphantsi kwelitye kuyoyikeka
Kuba zilaph' iinzwana namadikazi
Ngubani n' ongevanga
Ngubani n' ongevang' ukuba sithwasil' isilimela kwaNdlambe
Isilimela ke yinkwenkwez' enkulu yakwaPhalo
Incwadi yaphum' eGqolongc' ivela kuLayithi noTshalisi
Yawel' iNciba yawel' uMbhashe
Kwal' uk'b' ifik' eMgazana yathetha
Yathi goduka Makinan' ufil' uyihlo
Ufel' eMthuman' emazants' eQangqalala
Goduk' uye kubus' amaNdlamb' akanamntu
Wath' uMakinana ndiyeza ndisavun' amazimba
Wath' esitsho wab' eyifak' eyakowabo yakuloNkanti
Wankqenkqeza phambil' uNtakamhlophe
Wath' uk'ba abesek'ngeneni kweTyityaba wafik' uFeni yafik' incwadi kaFen' isithi
Buya Makinan' ilizwe selonakele
Wath' uMakinana hayi asilisiko lakoweth' ukubuya ngomva
Wath' esitsho wab' etyhudis' ejonge phambili
Uth' ak'ba seMpethu wafik' uFeni ngesiqu wathi ndithi
Ndithi buya Makinana uza nerh
Wath' uMakinana hayi
Asilisiko lakoweth' ukubuya ngomva
Kwalil' uk'b' abeseDrayibhoso
Yavel' eyakwaNtsasan' ityeth' iintong' ezinkone
Kulapho yaqala khon' ukugagana
Yatshay' impampile yaseMlungwini
Yatshay' impampile yasemaXhoseni
Yaw' imikhuthuk' amacal' omabini
Yarhox' ekaNtsasana yasinga kwaseQumrha
Wee tyuu uNdluzodaka

Waya kutsho kuNdanda kooVece kuXesimagqagala
Bizan' izizwe kuza kwabiw' iinkwenkwezi
Iinkwenkwezi mazabiwe
Nina beSuthu
Thathan' uCanzibe
Niya kwabelana nabaTshwana nabaTshopi
Nazo zonk' eziny' intlang' ezinezishuba
Nina bakwaZulu
Thathan' amakroza
Niya kwabelana namaSwazi namaTshopi namaTshangana
Neziny' intlang' ezingamajarha
Nina baseBritani thathan' iKhwezi
Niya kubambana namajamani namaBhulu
Noko nibantu bangakwaziy' ukwabelana
Nisuke nenz' imfazwe yamaBhulu neyamaJamani
Siza kubambana ngeSilimela thina mabandla kaPhalo
Yona nkwenkwez' inkulu
Kuba yinkwenkwezi yokubal' iminyaka
Yokubal' iminyaka yobudoda
Yokubal' iminyaka yobudoda
Iminyaka yobudoda
Ncincilili

**A Velile**

Ikwekwe kaFaku ezalwa nguNobantu
Igama layo nguArchie Sandile
Yeyona nkosi amaNgqika onke selejonge kuyo ngapesheya
nangaphonoshono kweNciba
Imbongi yesizwe ithi ngayo
Yimbishi-mbishi yingqishi-ngqishi
Ngumabhinqel' ezantsi ang' ubhinq' isikhaka
Kant' ubhinq' ibhulukhwe
Kokw' ezi bhulukhwe zimagwagusha
Bezifun' ukuya kwezikayisemkhulu bezifun' ukuya
kwezikaGonya
Kulokw' ezikaGonya zimagwashu
Umntwan' enkosi yinzinzilili
Ngesaphul' abant' uk'b' ebelekwa
Kulok' int' enkul' ithwashuza ngokwayo
Ikhe yalinga kamb' intlanjana yoMdiza
Yath' ingambeleka yon' imkhukulise
Koko yathwal' inkabi yehashe
Yayishiy' inzinzilili ngasemva
Kuze sifike sithabath' iintonga
Sibuye nomfo wasemaMbalwini
Hayi nkos' isoyikek' umntakaFaku
Kub' unobugqirh' obusegazini
Uzimisela kwangokwakhe
Uthi qwab' eli liso x' abon' utshaba
Athi qwab' eli x' abon' isihlobo
Yintw' engqob' isenqinen' ukusing' eMthatha
Kub' iphuthum' amaxhoba kaMlawu
Umacekis' ingcek' abuy' ayiphuthume
Umaphuthum' ingcek' abuy' ayicekise
Umty' omtyenen' osukwe kowawo
Kub' usukwe ngooyise nooyisemkhulu
Xa nditshoyo nditheth' uBonisani noGawushigqili
Hay' umfo kaHolide ngokukwaz' ukusoka
Aba bakaZaze ngababuzeli
Siyamdela thin' umfo kaNikani okaNikani sitshw'
uSisu-senkomo
Ndlela zini n' ezi zineentsasa namaqhekeza
Sikhe sakholwa ngemihla kaZimasile
Hayi bafo baseBhayi nikwazil' ukusoka
Nikwazil' ukuyisok' inkosi yenu
Seyincinan' indawan' esiyixakayo
Asiwabon' amabal' eenkomo zenu
Mzi waseRhini nowaseKapa nani thina siyanibulela
Kokw' asiwabon' amabal' eenkomo zenu
Yingxow' enkul' umfo kaFaku
Yingxow' enkul' enemilenze

Afaka kuy' amadun' akowabo
Yintw' efunde yafunda yada yayityekeza
Ndith' asinkos' ukukwaz' ukugweba
Yamgweb' uMabutho walala ngophothe
Yamgweb' uGushiphela yamsakasa
Ijong' emahlathini x' ikhuph' isigwebo
Apho balele khon' ooMgolombane
Thathan' intonga ninik' uSilimela
USilimela ngokaNdluzodaka kwaNdlambe
Thathan' intonga ninik' uGushiphela
UGushiphela ngokaMenziwa kwaMdushane
Thathan' intonga ninik' uMgcawezulu
UMgcawezulu ngokaNonqane kwaNtinde
Thathan' intonga ninik' uRhamncwana
URhamncwana ngokaJali kwesikaMqhayi
Thathan' intonga ninik' uDingindlovu
UDingindlovu ngokaDom Toyise kumaGasela
Mna ndiyakuthath' okaKak' abe ngumsimelelo
Ndithath' uSilimel' abe yintonga yam yokuhomba
Tarhuni maMbombo nani maMbede
Kuthiwani n' ukuthethwa ngomnt' osesekampini
Kukho siqhamo sini n' esiseGxarha
Vulan' umtyhi maMbombo mabandla kaSuthu
Vulan' umtyhi maMbede mabandl' akoPosi
Vulani luhlal' ulutho lwenu
'Vulani lungen' ulutho lwenu
Ncincilili